Isikhululo Sombane Senyuk'liya Koeberg

# Uvavanyo lwesandi semiboko semo yongxamiseko yesikhululo sombane seNyuk'liya Koeberg - 4 EyoKwindla 2025

Inkqubo yesandi ifakelwe kwingingqi yakho ukuze ikwazise ngeenkonzo engxamisekileyo kwisikhululo sombane weNyuk'liya Koeberg. Le miboko yeyokunceda uluntu xa kukho imo yonxunguphalo kwesi sikhululo, ngoko ke le miboko idinga ukunonophelwa ukwenzela ukuba ihlale ikwimo esebenzayo maxa onke.

**Khumbula: Olu luvavanyo-sandi kuphela.**

Oku kuvavanywa kwesandi kuzoqhutywa ngomhla weSine (4) KweYokwindla ka 2025, kuyinxalenye yesicwangciso seenkonzo ezingxamisekileyo zeNyuk'liya eKoeberg. Ikhalenda ikunika zonke inkcukacha ozidingayo ukulungiselela naluphi na uhlobo lweenkonzo engxamisekileyo ezinxulumene nesikhululo sombane sase Koeberg.

Inkqubo yesandi/sokwazisa uluntu ifakelwe e Atlantis, Duynefontein, Melkbosstrand, Van Riebeek strand, Philadelphia, Bloubergstrand, Bloubergrant, West Beach, Sunningdale, Parklands, Robben Island ne fama ezingqonge isikhululo samandla seNyuk'liya iKoeberg, zizovavanywa ngexesha lalomsebenzi. Uzolunyukiswa ngoluvavanyo lwesandi kwizibhengezo zabahlali, ngaphambili nasemva kwesandi. **Akukho sidingo sakuthabatha manyathelo.**

## Ulandelelo lovavanyo

Xa kukho imfuneko, eminye imiboko yesandi ingavavanywa kwakhona ngomhla weSihlanu (5) nangomhla weSithandathu (6) kwa kule yoKwindla ka 2025, ngenjongo zokuphucula ukusebenza kwayo.

**Akukho mfuneko yakuthabatha manyathelo nanjengoko iluvavanyo kuphela olu.**

Nangona kunjalo, nceda uqinisekise ukuba izilwanyana zasekhaya zisendlini okanye zikwindawo ezingenakuqhwesha kuyo (ngenxa yengxolo nokuwilizela kwesandi, izinja ziyawakhalala amakhaya). Khumbula ukuvulela unomathotholo wakho okanye umabonakude ukuva izibhengezo zoluntu ezazisa ngovavanyo. Ungaxhalabi nanjengoko iluvavanyo kuphela olu.

## Inkcukacha zonxibelelwano

Qhakamshelana nabezolawulo lwabathabathi nxaxheba eKoeberg ngokuthumela imbalelwano ku PienaaSZ@eskom.co.za okanye JoshuaD@eskom.co.za, okanye utsale umnxeba kule nombolo 021 550 4238 ngenkcukacha okanye umonakalo/ukonakaliswa kwezixhobo zezandi.

## Umhla weSine (4) ukuya koweSithandathu (6) kweYokwindla ka 2025

Ukuvavanywa kwesandi senkqubo yokwaziswa koluntu eKoeberg kuzoqhutywa ngoluhlobo lulandelayo:

**Umhla:** NgoLwesibini, 4 kweYokwindla ka 2025
**Ixesha:** Phakathi kweye 10:00 ne 12:00

### Iindawo ezichaphazelekayo:

- Atlantis
- Bloubergrant
- Sunningdale
- Bloubergstrand
- Van Riebeekstrand
- Duynefontein
- West Beach
- Melkbosstrand
- Parklands
- Iifama ezingqonge iSikhululo saMandla seNyukliya saseKoeberg Philadelphia
- Robben Island

**Siyayithakazelela intsebenziswano.**





Eskom